# UNIVERSITY OF FORT HARE

## XHS122 & XHS122E

DEGREE EXAMINATIONS
November 2017

.......................................................................

Time: 3 Hours

Subject; IsiXhosa

Paper: IsiXhosa Literature

Marks: 100

This paper consists of 8 pages including the cover.

Internal Examiners:
Dr N Z Gxekwa
Ms. D J Ganto
Ms. N Kapa
Dr S S Mdaka

## Instructions

. Phendula imibuzo ibe Mine.
Phendula ube Mnye kwicandelo ngalinye.

## ICANDELO A

**Umbuzo 1**

a) Khawubethe koomofu uchaze ngokwaneleyo ukuba uthetha ngantoni ubani xa ethetha ngohlalutyo lwemibongo. Kwimpendulo yakho sebenzisa ezi zitanza zimbini zilandelayo ukuphuhlisa oko kuqwalaselwayo kuhlalutyo lwemibongo. **Ukutsho oko caphula kwezi zitanza ubonakalise izangotshe zolwimi ezithi zisetyenziswe xa kuhlalutwya umbongo.**

**Ikratshi**

Sisifo esibuhlungu kulowo ungenaso,
Sisifo ongenakusinika mntwana kanyoko,
Kuba eya kubalikheswa akuba naso,
Sisifo esibi, ingcono igcushuwa kunaso.
Nomntu onaso ngumdlungu onesandlosi.

Umntu onekratshi ubuthwele ubunzima,
Kuba iingxaki zakhe uzizama yedwa,
Ade athi ngokudinwa aphelele ukuncama,
Bambukele ke abamaziyo bona,
Abe ke yena ke emana ukunyevula.

**(10)**

b) Hlalutya lo mbongo ulandelayo kaSkei ufince konke okubonayo athe waqhola ngako lo mbongo wakhe.

**Izinyo**

Izinyo lihomb'ukudalwa,
Uchwenen'ovath'ezimhlophe,
Igagu elithand'ingxabiso,
Max'onke lifun'ukuhoywa.
Wen'ulipheth'ubuxaxavithi nixabene,
Wen'ulenz'umrhangqolo ibhidene,
Wen'ulinxibis'ezimthuqwasi anivananga,
Kub'alinakuba lixelegu ngokuxelegiswa

Isohlwauo salo siqatha,

XHS122 & XHS122E- IsiXhosa Literature

Kuba liqala ngokukuyala,
Uz'uthi wakujoka likufulathele
Ukheth'ikwahlukana nal'ungathandanga.

(15)

[25]

OKANYE

**Umbuzo 2**

**Umsobomvu: R M Skei**

Chaza ukuba lo mbongo uwa kweliphi na udidi lwemibongo uze ucubungule ubuchule okanye ubuqhitala bale mbongi ekuciciyeleni umbongo owa kolu didi.

[25]

## 39. UPROFESA Z S QANGULE

Nisivile n' isithonga sezolo?
Nisivile n' isichotho sezolo?
Uwil' umth' omagqab' ambaxa wakwaPhalo.
Uwil' umth' osiqu singqingqisholo wakwaPhalo,
Umth' ongcambu zinde zibhek' ezantsi,
Umth' oyokozel' iziqham' ezikrebhe-krebhe.
Wawashiy' amaXhos' emaya-mayaza.

Ebeyindoda kwimiDaka yeAfrika,
Irharhasholo kwintetho yesiXhosa,
Irhamncwa kwabadlalisa ngesiXhosa,
Uprofesa ngokubizwa ngabasemfundweni,
USoluncwadi ngokubizwa ngababhali,
UZithobil'unyana kaQangule,
UKhanyisisizwe ngokubizwa yimbongi.

Uwondlil' amaXhos' uGcwanini,
Wawondla, wawondla wada wawakakaza,
Wawashiy' izisu zimaqhuma zibhukuxile,
Wang' uyazi ukuba iintsuku zisangene.
Nasekumkeni akawashiyang' elizeni,
Uwaphawulel' ukuba azisengele
Int' emibel' ibhonxileyo, ikralileyo,
Ukuz' akhunjulwe nasisizukulwana sesizukulwana.

Ulikhenkethil' elimiweyo njengendoda,
Ufuthelene nazo iintlanga ngeentlanga,
Ayamaz' amaSwazi, uyaziwa ngamaZulu.
Uyaziwa nayiDyunivesi yeloMzantsi Afrika.
Ubuyil' ezizweni isisu sibhukuxile;
Efukuzela esindasindeka lulwazi,
Ligqekrezil' izulu lagqokroza,
Yatshawuz' imibane yalenyeza,
Yangxaz' imvula eTyhume,
Yatyhutyhumeza yawel' iNciba,
Yaya kuqhin' eNgqamakhwe kuKhothana.
A-a Khanyisisizwe!

Namhl' iAfrika ilahlekelwe
Ngumondli owondla abanezidanga nezidabane,
Naye wonk' onxanelw' ulwazi.
Ingcali, ingcaphephe, ingcungela,
Ingqanga kulwimi lwesiXhosa.
A-a Khanyisisizwe!

Ayahamb' amadoda ahamba mayoywana,
Bahamb' ooRubusana nooTiyo Soga,
Bahamba nooJabavu nooJordan.
Naku namhla kulandel' uQangule,
Yaz' ukuba siza kuba ngabakabanin' ezizweni.
Lanciph' inani, aphel' amadoda.
Sode sishiyeke namabhetye-bhetye kusini na Sombawo?

Wazithatha nganye-nganye kusini n' iintsika zomzi kaPha
Ziyephi n' izibhoja kwanezibhongobhiya?
Ayephi n' amagumashlolo, imingqungu kwanoongqikana
Bayephi n' ooKuphilwaphi, ooMagqabakadliwa
kwanooDubulegeqa?
Pheza Solufefe, pheza Somandla thath' izity' ezibi.

Zonk' izizwe zinamagorh' emfazweni,
Zonk' izizwe zinamakhaliph' esizweni.
Iintsika, amathemba namhla ngogayi.
Xa Usicimel' izibane sakukhanyiselwa yintoni na?
Xa sileleyo sakuvuswa ngubani emaqandeni?

## ICANDELO B

**Umbuzo 3**

**3.1 Ndiyekeni: D M Jongilanga**

Isakhiwo somdlalo sinamanqanaba athile alandelwayo. Chaza banzi ngala manqanaba alandelweyo , uchankcatha kule ncwadi ka Jongilanga .

*[25]*

**OKANYE**

**3.1 Ndiyekeni: D M Jongilanga**

Ngaphandle kowona mxholo uphambili othi "Ithambo lenyoka lihlab` elimzondayo", nika eminye imixholo efumaneka kulo mdlalo. *[25]*

**Umbuzo 4**

**Inzonzobila: B B Mkonto**

Ungakhathazeki Qadi uyindoda ngoku, yifake engqondweni yakho into yokuba intliziyo yomnye umntu sisiziba ongenakusazi ubunzulu baso. Qwalasela kwale nto yokuyaluzela kwamanzi aso. Lumka watshona apho.

Ngqiyama ngale ntetho kaZinzo ubhentsise elubala bonke abalinganiswa abachatshazelwa bobu bunzulu bale nzonzobila kaMkonto.

*[25]*

**OKANYE**

**Umbuzo 4**

**Umdlanga: P. T. Mtuze**

Inye kuphela impazamo eye yanyebelezela yangena ezingqondweni zabntu- le yokucinga ukuba ubudoda kukwaluka nje kuphela. Unotshe ukwaluka abudali budoda yaye kulilize ukuba akuphumelelanga ekuveliseni Ubuntu obutsha kulowo walukileyo. Xoxa banzi ngezi mbono zalo mbhali ubhentsise nendlela aziphumeza ngayo kumdlalo wakhe.

*[25]*

# ICANDELO C

**Umbuzo**

**6.1 Ubulumko Bezinja: R Siyongwana**

Udlame olusetyenziselwa ukubhukuqa ulawulo lonyhamnyheko asibobundlavini, luyamhlambulula umntu.

Ngqiyam' uqamele ngale mbono uze ugqwathule kule ncwadi uqaqambisa indlela uSiyongwana atshila etshotsh' entla ezathuza ukuxhasa olu luvo.

[25]

**OKANYE**

**6.2 Ubulumko Bezinja: R Siyongwana**

> Kukuqaqadeka kwengqondo zongqondo-gqwirha okubangela ukuba abacitshilelweyo bade babhenele ekusebenziseni udlame.

Ngqiyama uqamele ngale ngcamango uze uqaqambise iindlela uSiyongwana aqula egoqa ethethelela ukusetyenziswa kodlame kumzalazo wenkululeko

*[25]*

**OKANYE**

**6.3 Ubulumko Bezinja: R Siyongwana**

Xhentsa uzombelela ngendlela umbhali azibonakalise ngayo iziganeko ezehlela abalinganiswa abacinezelekileyo kule ncwadi. Xoxa ngendlela abathe bagushuza ngayo ukuzama ukuphuma kule meko.

*[25]*

**Umbuzo 7**

**Ukuqhwuka Kwembeleko D M Jongilanga**

Xoxa ngendlela uJongilanga abubonakalise ngayo ukuphathwa gadalala kwabantu base tyhini kule ncwadi ithi **Ukuqhawuka Kwembeleko**, yaye uxoxe nangeziphumo zoko. Ungemki kumxholo wencwadi.

*[25]*

## ICANDELO D

**Umbuzo 8**

**8.1 Amathol' endaba: P.T. Mtuze**

Bonisa ubuchule bombhali ekubhaleni olu didi loncwadi, ngqiyama ngeli bali lifutshane lithi "Isilingo".

*[25]*

## OKANYE

**UGeme: H.N Mjamba kunye noP.T. Mtuze**

Chonga isincoko sibe sinye uqaqambisw iimpawu zelivo. [25]

**Umbuzo**

**a) Amathol'endaba: P T Mtuze**

Bonakalisa indlela umbhali athe wanonga ngayo le ncwadi yakhe ingentla ngokuba uchonge ibalana libe linye uqhabalake ngobuchule abusebenzisileyo ekubhaleni kwakhe olu didi loncwadi.

[15]

**b) UGeme: H N Mjamba no PT Mtuze**

Xoxa ngeempawu zelivo ezithe zabonakaliswa ngababhali kule ncwadi ingentla. Sizobele indlela abaphumelele ngayo ekusebenziseni ezi mpawu ngokutyumba ilivo libe linye uxoxe kuvokotheke.

[10]

[25]